Isalathiso: 20170327-9485
13/3/2
Imibuzo: M Combrink

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0002/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli; kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi boKunika iNkxaso kwiKharityhulam; kuBaphathi beeSekethe, KuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo, nakwiiNtloko zamaziko okubhalela iimviwo karhulumente nazimeleyo

Isihloko: Ukutyelelwa lwezikolo zikarhulumente nezikolo ezizimeleyo ngo-2017

1. NgokoMmiselo 27(2) kwi-*Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination,* eyapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No 37651 ye-16 Meyi 2014, "*All examination centres must be evaluated by an official from the assessment body, to verify that all the necessary facilities required for conducting the examination are available at the centre.*"

2. Apho kukho ukungathotyelwa kwemigaqo yokuziphatha okuphinda-phindayo ngethuba lokubhalwa kweemviwo, iziko linokuphulukana nobume balo bokuba liziko lokubhalela iimviwo. Abafundi bezikolo ezizimeleyo abayi kungqinwa njengabaphumelele amabanga emfundo achaphazelekayo ukuba isikolo esizimeleyo asivunywanga njengesifanelekileyo nguMalusi.

3. Amagosa avela kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni aya kuqhagamshelana nezikolo ukwenza amalungiselelo omhla nexesha lotyelelo lokulungela kweziko ukubhalela iimviwo.

4. Izikolo ziya kutyelelwa ukususela ngo-Apreli 2017 ukuya kuSeptemba 2017.

ISAYINWE: NGU- T SINGH
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-04-03